

# I-People's Bylaw

Imanifesto yoMthetho Kamasipala omtsha woThatho-nxaxheba lwabaHlali eKapa

## **Ubume Bemeko:**

Ngomhla we-17 ku-Agasti 2017, imiButho yabaHlali emi-6 iye yahlanganisana ukuze kuhlolwe ukuba ayinakwenzeka na into yokuba kubekho umthetho kamasipala ophathelele uthatho-nxaxheba nokhokelwa ngabaHlali. Le ntlanganiso isuswe ngamava ethu angaphambili okusoloko siphoxeka kwiintlanganiso zethu nomasipala. Yonke imibutho yabahlali ixele imizekelo yeentlanganiso eziyingxaki, zingezi nanto ibambekayo neziqhutywa nje ukugqithisa usana kunina, nto leyo eshiye onke amaqela engonelisekanga, yachaphazela kakubi ukuthembana koluntu kuzo kanye ezo nkqubo zedemokhrasi ezimiselwe ngumGaqo-siseko wethu ukunika uluntu ithuba lokuba nelizwi kwizigqibo ezichaphazela lona.

Ngeli phulo sifuna ukuthatha inyathelo malunga nothatho-nxaxheba esingathanda ukulubona – ngokuphonononga umbono wokuba kubekho umthetho kaMasipala oza kuthi ubonise imiqathango yothatho-nxaxheba olulawula intsebenziswano phakathi kwesiXeko nabahlali. Amanye amazwe nezixeko aye aphumelela ekusekeni iintlobo ezifanayo zemithetho yoomasipala neenkqubo ezizama ukumiliseka iintlobo ezibalulekileyo zothatho-nxaxheba.

Ngoko ke sibona lo mthetho kamasipala njengephulo eliqhutywa ngabahlali ngenjongo yokuqinisa iinkqubo zothatho-nxaxheba njengenxalenye yolawulo lwedemokhrasi ngaphakathi kwisixeko esilawulwa ngenkqubo ye-Commons. Uza kusekelwa kwiinqobo zomGaqo-siseko ze ubonelele ngomkhomba-ndlela ocacileyo kumagosa esiXeko malunga nokuba lumele luqhutywe njani uthatho-nxaxheba loluntu. Into yokuba sifika njani kwisiphumo ekujongwe kuso nento yokuba kanye kanye eso siphumo simele sibe kumila kunjani, iza kumiselwa yimiButho yabaHlali ebhexesha le nkqubo. Kodwa kubonakele kubaluleke kakhulu ukuba kuqaliswe le nkqubo ze kuyekwe abathathi-nxaxheba beze neenkukacha njengoko siqhubekeka.

Ngenxa yoku, kucweyo lokuqala obelungomhla we-9 kuSeptemba 2017, obeluzinyaswe ngabathathi-nxaxheba abayi-20 abaphuma kwimibutho yabahlali eli-11 kuye kwaphakelwana ngezimvo malunga neenqobo eziphangaleleyo zemanifesto engaluncedo ekuhambiseni phambili le nkqubo. Ezi nqobo zibonisiwe kolu xwebhu njengothotho lweengongoma ekuxoxwa phezu kwazo, zonke zijolise ekubeni yintoni thina njengemiButho yabaHlali esingathanda ukuyibona ifakiwe kumthetho kamasipala wexesha elizayo malunga nothatho-nxaxheba. Sinengcinga yokuba siza kuqhuba uthotho lweentlanganiso zocweyo nabahlali abaninzi kakhulu, senze uphando kwiinkalo ezithile ezingundoqo ze sifumane noluvo oluqinileyo kwezomthetho, ekuphuhliseni ngokubhekele phaya olu xwebhu njengemanifesto. Oku kuza kusenza sikwazi ke ukuya kumagosa

esiXeko asenokuba akulungele ukusimamela esi sindululo nokuphakula nakwabanye oovimba esikwaziyo ukufikelela kubo. Umzekelo, oo Development Action Group (DAG) babonise ukuba bakulungele ukulixhasa eli phulo, kwindawo abakwaziyo ukufak' isandla kuyo, yaye siza kuzama nokusebenzisa ezinye iinkonzo eziluncedo zophando nezomthetho.

Ngoko ke le manifesto likhwelo eliya neliphuma kwimiButho yabaHlali kumasipala waseKapa wokuba ayile uMthetho kaMasipala omalunga nothatho-nxaxheba nosekelwe kwezi nqobo zilandelayo.

## **A. INKCAZO GABALALA YEENQOBO**

Ukuthatha inxaxheba lilungelo elisisiseko loluntu. Iyodwa nje loo nto ililungelo kanti ibalulekile nasekufezekisweni kwamanye amalungelo. UmGaqo-siseko wethu ubeka umnwe kwimbaluleka yokuba abantu bathathe inxaxheba ekwenziweni kwezigqibo ezibachaphazelayo.

Kwangaxeshanye, sikholelwa ekubeni kubalulekile ukunakana ukuba isiXeko yi-Commons. Umsebenzi oyintloko wesiXeko kukuba ufane nendlu eqhelekileyo yabantu abahlala kuyo, indawo ekwakheka kuyo ubomi bentlalo, apho kuxoxwa ze kuthelekiswe izidingo nezinto zomdla zabantu namaqela ohlukeneyo nalapho iingxabano zilungiswayo – inkqubo engundoqo kubomi bezentlalo besixeko.

Umsebenzi oyintloko wesiXeko kukuqinisekisa ukuba bonke abemi, abahlali, imimandla yoluntu namaqela ezentlalo baba nenkqubo ecwangcisiweyo apho ingxoxo-mpikiswano malunga nobutyebi kwakunye nokwenziwa kwezigqibo phakathi kwamaqela ohlukeneyo ngokwezentlalo kuqhubeka kwindawo efanayo nangendlela equkayo. Asikwazi kuba ngoomthi uzimele kodwa simele sisebenze sinobudlelwane bezentlalo nabanye abantu ukuba siza kuqinisekisa ukubakho kophuhliso oluqukayo, olunobulungisa nolukhuthazayo. Njengokuba inqobo yoBuntu ikwenza kucace oku, umntu ngumntu ngabantu.

Simele sibe nesixokelelwano kumasipala esenza kube lula ukuba uthatho-nxaxheba lube nefuthe ekwenziweni kwezigqibo ngokuvisisana nale mfuneko ikumgaqo-siseko. Oku kungenxa yokuba umsebenzi kaMasipala wokuhambisa iinkonzo uza kuba yimbonakaliso nesiphumo sendlela oluqhutywa ngayo esixekweni olu ngquzulwano ngenxa yobutyebi nokwenziwa kwezigqibo. Kuxhomekeka ekubeni ezi nkqubo zakhiwe njani, oku kungakhokelela kwimvano enkulu kakhulu noqukaniso ngokwasentlalweni, okanye kutyhalele phambili intswela-bulungisa nokwahlukaniswa ngokwezentlalo nto leyo edala ukuphoxeka okungakumbi.

## **B. UKUXHOBISA NGEZAKHONO NOLWAZI**

Ukuxhobisa ngezakhono nolwazi ngundoqo ekuqinisekiseni ukufezekiswa kothatho-nxaxheba lwabantu. Ukuze abantu bathathe inxaxheba

ekwenziweni kwezigqibo, kuza kufuneka baqonde izizathu, izinto ekunokukhethwa kuzo, izizindlo nezinto ezimele zibe negalelo kwinkqubo yokwenza izigqibo. Ukusuka nje ubanike ulwazi akwanelanga ekuqinisekiseni uthatho-nxaxheba.

Lo mthetho kamasipala umele uze neendlela ezisetyenziswayo ze uchaze **iprogram yokuxhobisa ngezakhono nolwazi** elungiselelwe uluntu ukuze kukhuliswe amandla abantu okuqonda imiba etshis' ibunzi nokuphuhlisa izakhono zokuthatha inxaxheba nokukwazi ukuzicwangcisa babe ngumbutho othile. Le program yokuxhobisa ngezakhono nolwazi ayijoliswanga kubemi kuphela kodwa nakuwo nawaphi amagosa esiXeko asebenza phakathi koluntu okanye abandakanyekileyo kwinkqubo yokwenziwa kwezigqibo ezichaphazela uluntu. Apho kufaneleke khona, izixhobo zoncedo, njengamaZiko ezeMfundo, zimele zisetyenziswe ngalo mthetho kamasipala ukuze zancedise ekuxhobiseni ngolwazi nezakhono zothatho-nxaxheba yaye zibe nohlahlo lwabiwo-mali olwaneleyo lokwenza oku.

Ukuxhotyiswa ngamandla koluntu ngolwazi nezakhono kuza kuphumela kwiinkqubo ezisebenza kakuhle zeewadi kwikhansile, imibutho yabahlali eyomelele kakhulu, ukuphenduliswa kakhulu kwamagosa neendlela zokungenelela eziphumelela ngakumbi.

### **C. IINDLELA NAMANQANABA OTHATHO-NXAXHEBA**

Iindlela namanqanaba othatho-nxaxheba oluthandwayo zibanzi kakhulu. Lo mthetho kamasipala umele uchaze ezi ndlela zohlukeneyo zothatho-nxaxheba oluthandwayo nenqanaba lokubonisana.

Iindlela zothatho-nxaxheba

**a. Ukuzenzela umbutho:** Umthetho kamasipala umele **uliqaphele yaye uliphakamise** ilungelo labantu lokuhlangana bazenzele umbutho wabo, kuquka ukubonelela ngezixhobo noncedo olubambekayo lokuphakamisa umbutho onjalo (umz. iprogram yokuxhobisa ngolwazi nezakhono). Kanjalo umthetho kamasipala, ukuba kuyafuneka, umele ubonelele ngokusetyenziswa kwamanye amaqela ngabahlali (umz. ukufikelela kwiingcali ezinobuchwepheshe obuthile) ekuxhaseni uluntu nemibutho yabahlali. Oku kumele kungabi ngumthwalo ngokwasezimalini eluntwini ukuze imibutho yabahlali ikwazi ukufikelela kwizixhobo zoncedo isiXeko esikwaziyo ukuzifumana sisebenzisa iirhafu zethu. Oku kumele kushiye uluntu lukwazi ukuzimela yaye lungenziwa lube ngunomgogwana nje weqela lezopolitiko.

**b. Uthatho-nxaxheba lwesininzi:** Uthatho-nxaxheba aluthethi kuthi kufuneka nje imibono yomntu ngamnye eluntwini kodwa luqwalasela neendlela uluntu olucwangciseke ngayo (imibutho yabemi, imibutho yamavolontiya, ii-NGO, iicawa, amaqela ezemidlalo nemibutho yezenkcubeko, njalo njalo). Lo mthetho kamasipala kufuneka uqaphele ukuba kufuneka kokubini abantu ngabanye nemibutho ukuze uthatho-

nxaxheba lube nentsingiselo xa kusenziwa izigqibo.

**c. Imibutho yothatho-nxaxheba egunyaziswe ngumthetho:** Kwiimeko ezithile, kukho imibutho esekwe ngokomthetho ukuze kube lula ngoluntu ukuthatha inxaxheba (umzekelo, ii-SGB eZikolweni, iiKomiti zezeMpilo phantsi kwe-National Health Act, njalo njalo). Lo mthetho kamasipala kufuneka uyiqaphele le mibutho eyakhiwa ngokomthetho, kuquka into yokuba ikhethwa njani (umzekelo kuye kuhlatyw' ikhwelo eluntwini) nento yokuba loluphi uhlahlo lwabiwo-mali olungqamene nayo olufunekayo ukuze loo mbutho ukwazi ukusebenza. Ngokuphathelile imibutho kamasipala (efana ne-Municipal Planning Tribunal okanye i-MPT), lo mthetho kamasipala umele uchaze ukuba ziintoni ezijongwayo ukuze ube lilungu layo nokuze ukwenziwa kwezigqibo zayo kubonise inkqubo yothatho-nxaxheba olungakumbi.

**d. Iincoko kunye nabahlali:** Lo mthetho kamasipala umele uchaze iindlela ezicwangcisiweyo ezisekwe sisiXeko ukwenzela iingxoxo zoluntu ngeendlela ezohlukeneyo ezinxulumene nabahlali, ezifana, ngokomzekelo, nokusekwa kwamaQonga eeNgxoxo Phakathi koluNtu nesiXeko okanye ezinye izinto ezicwangciseke ngohlobo olufanayo, ewadini okanye kumabhunga amancinci – ze uchaze nemali eyimfuneko ukuze zikwazi ukuhlala zisebenza.

**e. I-E-Democracy:** I-intanethi namajelo okuncokola ezobuchwepheshe anganendima engundoqo ekukhuliseni uthatho-nxaxheba kodwa kanjalo anayo nengozi yokubangela ukuba abanye abantu bazibone bechwethelwa ecaleni ngokwasentlalweni ngenxa yokungakwazi ukufikelela ngokulinganayo kula majelo. Lo mthetho kamasipala umele umisele iprojekthi yolingelo yokuhlola ukuba i-intanethi namajelo okuncokola ezobuchwepheshe zingasetyenziswa njani ukuze kuphakanyiswe ukwenziwa kwezinto ekuhlani nokufikeleleka kolwazi, ukubonisana noluntu, ingxoxo evulelekileyo nokwandisa ngokubanzi uthatho-nxaxheba eluntwini.

Amanqanaba othatho-nxaxheba

**1. Ulwazi (Ukwaziswa):** Xa umsebenzi wesiXeko ikukusuka nje sibachazele izinto abantu, oku kukwazisa abantu. Lo mthetho kamasipala umele ubonelele imigaqo esetyenziswa kuyo le ndlela, iimeko efanelekileyo kuzo le ndlela nezixhobo neendlela zokuqhagamshelana nabantu eziza kusetyenziswa.

**2. Ukuvakalisa umbono (Ukucebisana):** Xa isiXeko sifuna umbono wabantu, oku kukuCebisana. Lo mthetho kamasipala umele unike ingcaciso yokuba kuthetha ukuthini ukucebisana ze uchaze neentlobo zeemeko okufaneleke kuzo oku, kuquka iindlela, amaxesha, izixhobo noovimba bolwazi abanokufikelelwa luluntu ukuze kwenziwe ezi zigqibo.

**3. Ubambiswano (Ulawulo Lwentsebenziswano):** Abahlali besixeko bathi bazibone ukuba bangoobani na kwinkqubo yokwenza izinto kunye ngokusebenzisana, ngolo hlobo bazive bexhotyisiwe yaye balazi ifuthe abanalo kwizigqibo neenkqubo. Ukubambisana noluntu lithuba lokuba umasipala noluntu bachaze umzekelo omtsha wobuhlakani obusekelwe kuthatho-nxaxheba olufanelekileyo loluntu. Kweli nqanaba,

izinto ezenziwayo yimizekelo yokubambisana phakathi korhulumente nabemi abakhutheleyo ekuqulunqeni, ekuphatheni, nasekusebenziseni ngokutsha ubutyebi olunomdla kubo uluntu ngenjongo yokuphucula ikhwalithi yobomi ezidolophini.

Ukuze la malungiselelo amanqanaba neendlela zothatho-nxaxheba asebenze, lo mthetho kamasipala kuza kufuneka umisele **isixhobo solawulo esingqalileyo sobambiswano** (ngokwamava ase-Italy, oku kuchazwa ngokuba **sisiVumelwano seNtsebenziswano** phakathi kwabasemagunyeni nabemi). Injongo yaso eyintloko kukulawula intsebenziswano phakathi koluntu nesiXeko ukwenzela izinto eziqhelekileyo, imisebenzi okanye iiprojekthi ezingqamene nemimandla yasezidolophini. Umzekelo wasekuhlaleni wolu hlobo lwesixhobo solawulo onokuphononongwa ngokubhekele phaya yi-**MOU phakathi kwesiXeko nePrincess Vlei Forum** yophuhliso lwendawo yemvelo ejikeleze i-Princess Vlei.

#### **D. UKWENZIWA KWEZINTO ECUHLENI, UQHAGAMSHELWANO, ULWAZI, UKUQUKWA NOKUPHENDULISWA**

Iingobo zokwenziwa kwezinto ekuhlени, uqhagamshelwano, ulwazi, ukuqukwa nokuphenduliswa zonke zinxibelelene yaye zixhomekekile enye kwezinye. Kufuneka ulwazi oluqokelelweyo olohlukeneyo, njengoko kuthiwe thaca kwiiNjongo zoPhuhliso oluGcinakalayo (ii-SDG).

Ukuze uluntu luthathe inxaxheba enentsingiselo kufuneka lufumene ulwazi olugcweleyo, olwenziwa lufumaneke ngolwimi olufikelelekayo kunye, ukuba kufanelekile, nolwenziwe lwalula, kungabikho zangotshe, kusetyenziswe iintlobo ezohlukeneyo zokuqhagamshelana yaye kusetyenziswe zonke iilwimi. Ukwabelana ngolwazi kumele kusekelwe ekuqapheleni ukubaluleka koqhagamshelwano olusuka kubahlali ukuya kubaphathi hayi kubaphathi ukuya kubahlali. Abahlali bamele banikwe ixesha eloneleyo ngezaziso ukuze zikwazi ukuqhubeka iinkqubo ezilandelwayo luluntu endaweni yokumisa amaxesha alungele amagosa kamasipala. Kumele kuboniswe ukuba iintlobo zokubhengeza ulwazi ziyaphumelela ekufikeleleni abantu ekujoliswe kubo, endaweni yokuba zenziwe nje ukuze kubhalwe ukuba zenziwe. Ukuquka kufuneka kwenziwe ngendlela yokuba amagosa abelane noluntu ngolwazi yaye alufune ulwazi eluntwini. Iindlela ezilula zokuqhagamshelana nesixeko - umz. kumele kumiselwe indawo enye yokungena ukuze abemi/uluntu lufikelele kulwazi – ngokuvumelana nomGaqo-nkqubo wesiXeko weDatha Ecacileyo. Nayiphi i-ofisi okanye ilungiselelo elicwangciselwe ukuba lenze kube lula ukuhanjiswa kolwazi kufuneka ibe namagunya athile ukuze ikwazi ukufezekisa ugunyaziso lwayo. Ukuba ngaba akuqukwa wonke umntu asizukwazi ukubona ubulungisa kwezentlalo, ukwabiwa ngokutsha nesidima.

IsiXeko asinambopheleleko yokwenza ukuba ibe lulwazi oluqokelelweyo malunga nemisebenzi yaso olunokufikelelwa nguye wonke umntu, kodwa kwanazo zonke iingxelo zokubek' esweni nokuphononongwa. Ngaphezulu, indlela esetyenziswayo kunye nemigaqo yophononongo kufuneka zibe

yinxalenye yenkqubo yothatho-nxaxheba.

Ngenxa yokuba **uhlahlo lwabiwo-mali lwesiXeko** lubaluleke kakhulu kuphuhliso, sijolisa ngokukodwa kuthatho-nxaxheba oluhlobene nohlahlo lwabiwo-mali: Ukuze kunyuswe izinga lothatho-nxaxheba loluntu kwinkqubo nezigqibo zokwabiwa kweemali zesixeko, lo mthetho kamasipala kufuneka umisele uxwebhu (okunokuthiwa **sisikhokelo sohlahlo lwabiwo-mali lwesiXeko**) oludibanisa isiCwangciso esiManyanisiweyo soPhuhliso (i-IDP) nohlahlo lwabiwo-mali lwesiXeko. Olo xwebhu lumele luchaze ukuba uhlahlo lwabiwo-mali lwesiXeko luchakwa njani ngokweendidi ezohlukanisiweyo nento yokuba ziintoni izalathisi kudidi ngalunye ezichaza ukuba iiprojekthi zikhethwe njani ukuze zenziwe. Inkqubo yokuthatha inxaxheba kuHlahlo Lwabiwo-mali lwesiXeko imele:

- Ingafihli makhuba yaye ivumelane nothatho-nxaxheba olunentsingiselo loluntu
- Icace nakubani nay aye yenze kube lula ukufikelela kulwazi
- Inyanzeleke ukuba ihlolwe nguMphicothi-zincwadi jikelele – kokubini iinkqubo neziphumo zayo
- Ivuleleke ukuba ibekw' esweni ngabaHlali (kuquka iiYunivesithi, ii-NGO/ii-NPO, imiButho yabaHlali neyoluNtu)

**Izivumelwano zeNtsebenzo nengcaciso yemisebenzi eyenziwa ngamagosa karhulumente:** Lo mthetho kamasipala umele uchaze ukuba uthatho-nxaxheba lwabahlali luza kwenziwa njani lube yinxalenye yeziVumelwano zeNtsebenzo kumagosa karhulumente, kuqalelwa kuManejala kaMasipala nakwabanye abaphathi abaphezulu, ucacisa izigunyaziso ezingqalileyo neenjongo zomisebenzi ngamnye. Umzekelo, imele ibe sisigunyaziso esingqalileyo into yokuba iGosa eliyiNtloko leziMali livelise ulwazi olufikelelekayo noluqondakalayo eluntwini ngokuphathelele uyilo lohlahlo lwabiwo-mali lukamasipala nokuvelisa iprogram ecacileyo ebandakanya imibutho yabahlali noluntu kwingxoxo yokuthatha inxaxheba kuhlahlo lwabiwo-mali kwalusaqala. Lo mthetho kamasipala umele uqaphele ukuba amagosa kamasipala agcinwe iimali zabarhafi enjongo yazo ikukusebenzela ukulungelwa koluntu.

#### **E. UHLAHLO LWABIWO-MALI OLONELELEYO NEZIXHOBO ZONCEDO UKWENZELA UTHATHO-NXAXHEBA**

Ukuba umisebenzi oyintloko wesixeko kukuba sifane nendlu eqhelekileyo yabantu abahlala kuso, ngoko uhlahlo lwabiwo-mali isixeko esiwabela lo msebenzi lumele lungqinelane nenjongo yaso kulo mgaqo-nkqubo. Ukuba olu hlahlo lwabiwo-mali luhamba luye kuma phi kuza kuqinisekisa into yokuba ukuthatha inxaxheba kwabahlali yinkalo ebalulekileyo na kwisixeko, okanye kukubhibhidla nje amazinyo kungekho nto inesihlahla iqhubekayo.

Ngoko ke kuyimfuneko ukuba kummiselo kamasipala kuqukwe inqobo ethi yonke iiprojekthi, intshukumo nomisebenzi owenziwayo ngumasipala umele uquke indleko eyoneleyo yokuhlawulela uthatho-nxaxheba loluntu

neenkqubo ezinxulumene nalo.

## **F. ULAWULO LWEEWADI NGEDEMOKHRASI**

Sithetha nje ubuchule namandla eewadi ezithile athanda ukulinganiselwa yaye azinalo uhlahlo lwabiwo-mali oloneleyo. Intsusa yale ngxaki kukuba inkqubo yeewadi ayiqinisekisi ukuba ooceba bayaphenduliswa luluntu abalumeleyo. Lo mthetho kamasipala umele uqinisekise ukuba iintlangaiso zeBhunga leWadi zihambisa phambili imida yeewadi, ukuba ukuphenduliswa kooceba ziingingqi zoluntu abalumeleyo kuyakhuliswa ngokubusikela umda ubulumko abanokubusebenzisa, nokuba ukukhuthala kwamalungu oluntu axhotyiswe ngolwazi nezakhono, ngemibutho yabahlali, kungathintela iinkqubo ezingahambisaniyo nedemokhrasi, nezingacacanga.

Kule meko, lo mthetho kamasipala umele ungenise iinqobo ezimbini. Eyokuqala **kukubeka phambili uluntu lwasekuhlaleni** kwinkqubo yeewadi nasekukhethweni kukaceba. Eyesibini **yinqobo yokubambisana ngomanyano nobulungisa** kwisixeko. Xa sithetha ngokubambisana ngomanyano, sithetha ngokuxhasana kwemibutho eyohlukeneyo yabahlali ngemvisiswano; xa sithetha ngobulungisa, sithetha ukuba simele sisebenzele ukoyisa/ukuphepha ukungabi nabulungisa obufana nento yokuba ibe ziindawo zabafumileyo kuphela ezinoqoqosho nabasebenzi bokwenza imisebenzi neeprojekthi, ngelixa kwiindawo ezingenabo ubutyebi oboneleyo nezazihlelelekile ngaphambili, iimeko ziza kukekelela ngasebugxwayibeni. Ngamanye amazwi, kumele kubekho inqobo yokwabiwa ngokutsha kobutyebi, ukunatyiswa ngokulinganayo kwenkxaso kwakunye nentsebenziswano.

Kwisixeko esikhulu nesintsonkothe njengesixeko saseKapa, kuyimfuneko ukuba kubekho ingxoxo-mpikiswano evulelekele uluntu neyothatho-nxaxheba nemalunga nokuba yeyiphi eyona ndlela ingcono kakhulu yokulungisa iingxaki ezohlukeneyo. Lo mba awunazimpendulo zilula. Izixeko ezininzi ehlabathini jikelele zijongana nemibuzo efanayo. Bekungaba luncedo gqitha ukuba ngaba isiXeko besinokuqalisa umsebenzi wokurhabulisana ngezakhono nezinye izixeko nokuzithelekisa nazo, apha eMzantsi Afrika nakwamanye amazwe.

## **G. UKUNCIPHISA INGOZI YOKUHENDEKA NEZIPHUMO ZAYO**

Umsebenzi wesiXeko kukusebenzela abantu baseKapa. Ayinakuphepheka ke into yokuba abanye abantu, amaqela namanye amahlakani entsebenziswano aza kuba nezinto ezizezomdla kuwo okuthetha ukuba angaxhamla kwizigqibo ezithile ezenzelwa uluntu. Kubalulekile ukuqinisekisa ukuba izinto ezingaba yiNgozi yokuHendeka [Conflicts of Interest (cOi)] zenziwa zibonakale (azifihlakali) yaye zilawulwa ngokucacileyo ukuze kuncitshiswe iziphumo ezingaba zibi. Lo mthetho kamasipala umele uyile iinkqubo zothatho-nxaxheba loluntu ezinciphisa amathuba okuba i-cOi ibe nempembelelo kwizigqibo ezenziwayo nezenza

kube lula ukubek' esweni iinkqubo zokwenziwa kwezigqibo – ngokwenziwa kwezinto ekuhleni nokufikeleleka kolwazi; nangophicotho-zincwadi olwenziwa yimiButho yabaHlali.

## **H. UKUSEBENZA KWAMACANDELO OHLUKENEYO**

Kukho ubugocigoci obungaqondakaliyo obuninzi gqitha kwindlela iinkonzo ezihanjiswa ngayo okanye ekucwangciswa ngayo iiprojekthi. Oku kuba neziphumo ezibi kubulungisa bokwenza izinto, yaye kwenza uthatho-nxaxheba lube yinto entsonkothileyo. Lo mthetho kamasipala umele ulungiselele ukuba uthatho-nxaxheba lwenzeke ngokulula kuwo onke amacandelo ze ushenxise le miqobo yongezelelekileyo olujongana nayo uluntu.

Uyilo Lokuqala – 23 Okthobha 2017